



# Lusuku lwam lokuzalwa!

Le ncwadi yeka









bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit [bookdash.org](http://bookdash.org).

*Lusuku lwam lokuzalwa!*

*(It's my birthday!)*

Illustrated by Josie Versfeld

Written by Sinovuyo Mgunukelwa

Designed by Nkosingiphile Mazibuko

Translated by Sinovuyo Mgunukelwa (writer)

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 14 October 2023.

ISBN: 978-1-77623-118-8

**This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence**

**(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).**

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.







# LUSUKU LWAM LOKUZALWA!

Sinovuyo Mgunukelwa - Josie Versfeld - Nkosingiphile Mazibuko





**“Kurukukuu!**  
Vuka Zingisile.  
Lusuku lwakho lokuzalwa!”





Lusuku lwam lokuzalwa, kodwa  
ikwalusuku lwesikolo.





**“Mama, Mama!**  
Qajisela, kanene lusuku lwantoni  
namhlanje?” Ndivuka ndikhwaze  
nditsho.

Ndasoloko ndimbuza lo mbuzo  
umama wam qho kusasa  
ngosuku lwam lokuzalwa.







“Sisidudu sakho sosuku lokuzalwa  
esi! Khawulezisa utye ke ngoku.








Akulunganga ukuba ufike emva  
kwexesha esikolweni ngemini  
yakho yokuzalwa.”





Mmmmmmm!  
Ndiyasithanda isidudu.







Bimbilili!

Bimbilili!

Bimbilili!






Ekhreshi wonke umntu uyazi  
ukuba lusuku lwam lokuzalwa.

Bandiculela Umin'  
emnandi kuwe kwaye  
bandibhalela iziqwengana  
ezibonisa uthando.





Andisakwazi nokuzibamba xa  
ndicinga ngesidlo esikhethekileyo  
aza kundilungiselela sona uMama.





Sendingxamele ukubona umzala wam  
endimthanda kunene, uSisipho.  
Ukwanguye nomhlobo wam  
osenyongweni.  
Olwakhe usuku lokuzalwa  
lungoSeptemba.

Kazi uMama uza kundibambela eyiphi  
inkukhu? Ndiyathemba iza kuba  
yeyona ityebileyo.





“Yeyiphi eyona ndawo  
uyithandileyo kweli bali?”  
uyabuza uNkskz  
Mkombe.



“Ngumqa!” ndikhwaza  
nditsho, ndisekude  
ngeengcinga.  
Bayahleka abahlobo bam.









Xa ndifika ekhaya, uLuhambo  
uchwayitile. Yena owakhe umhla  
wokuzalwa wokuqala ubunge28  
kaApreli.





Kwaye mna izakuba kokwesihlanu  
ngoku ndibhiyozela usuku lwam  
lokuzalwa!









Khawukhangele konke oku  
kutya! UMama undenzele zonke  
ezithandwa ndim – ispinatshi,  
amagranyaza ombona, umqa  
nomhluzi kunye nesonka sakhe  
sodumo. Yonke into ikhiwe  
kwisitiya sethu.







“Min’ emnandi kuwe Zingisile!  
Min’ emnandi kuwe Zingisile!  
Unangaphi ngoku?”







“Ndineminyaka emihlanu ngoku!”  
ndicula nditsho ukuphendula.  
UTata wam uyandifunqula  
andijikelizise!

“Zing-star wam! Awusemdala sele  
uzakuba ngutishala.”





UMama undivumela ukuba  
ndikhethe elona qatha  
likhulu lenyama yenkukhu.  
Uqale aphakele mna.

Ndinxuza isonka sam  
esimnandi emhluzini nditsho  
ngoncumo olugoso.  
Ingathi alusafiki usuku lwam  
lokuzalwa olulandelayo!









